

# FUMANA ULUNGISE UKUVUZA

Ukuvuza kungayinkcitho eninzi yamanzi, ingakumbi ukuba kuthe akwaqapheleka okanye kwenzeka ngaphantsi komhlaba kwaye kwaqhuba ixesha elide. Ukuvuza kwipropati yakho luxanduva lwakho. Ke ngoko nasi isikhokelo sokuqaphela nokulungisa ukuvuza ngokukhawulezileyo nokulondoloza amanzi nemali yakho.

INDLELA YOKUPHONONONGA UKUVUZA KWIPROPATI YAKHO		IINDLELA EZI-3 ZOKUVAVANYA UKUVUZA KWIGUMBI LANGASESE	
<b>1</b> 	<b>NOANDA KONKE UKUSETYENZISWA KWAMANZI.</b> Vala zonke iitephu kwipropati kwaye ungagungxuli kwizindlu zangasese.	Igumbi langasese elinye elivuzayo lichitha amanzi amalunga neelitha ezingama-2 600 ne-13 000 ngenyanga, ngokuxhomekeke kwisantya sokuvuza oko. Itephu evuzayo ichitha amanzi amalunga neelitha ezingama-400 nama-2 600 ngenyanga.	
<b>2</b> 	<b>PHONONONGA KWAYE UBHALE PHANTSI OKUKWIMITHA YAKHO YAMANZI.</b>	<b>1</b> 	Mamela ukuthontsiza kwamanzi kwisitya esikwigumbi langasese.
<b>3</b> 	<b>LINDA IMIZUZU ELI-15 EMVA KOKO UBHALE PHANTSI KWAKHONA.</b> Qinisekisa ukuba akukho namnye umntu othe wavula itephu okanye wagungxula ilindle ekubeni uye waphonononga okokuqala imitha yamanzi.	<b>2</b> 	Cinezela/beka isiqwengana sephepha lokosula ilindle ngaphakathi kwicala elingemva ngaphakathi kwithobhi. Ukuba liye lamanzi, oko kuthetha ukuba amanzi ayavuzwa.
<b>4</b> 	<b>UKUBA KUKHO UMAHLUKO KUMANANI KUFUNDO LWAKHO LWEMITHA, OKU KUTHETHA UKUBA KUFUNEKA ULUNGISE</b> Ukuba amanani akho kwimitha aye anda, oko kuthetha ukuba amanzi akho ayavuzwa kwaye kufuneka uthabathe inyathelo loko, ngokungqinelana noMthetho kaMasipala weSixeko.	<b>3</b> 	Galela amathontsi ali-15 lechiza elithi litshintshe umbala wokutya kwitanki lamanzi elikwigumbi langasese. Ukuba emva kwemizuzu eli-15 amanzi akwithobhi athi atshintshe umbala, oko kuthetha ukuba kukho ukuvuza.
<b>5</b> 	<b>FOWUNELA UMTYWINI-KUVUZA UKUZE AKUNCEDE UKULUNGISA UKUVUZA OKO.</b> Ngaphandle kokuba ngumsebenzi olula lowo ongawenza ngokunokwakho.	Ukuba awunakho ukufowunela umtywini ukuba alungise umonakalo kwigumbi langasese, sebenzisa itephu encinane esemazantsi kwitanki lamanzi elikwigumbi langasese ukuze uyigcine uyivalile emva kokuba uye wagungxula.	

## XELA IMIBHOBHO EGOABHUKILEYO OKANYE EVUZAYO EZITALATWENI NAKWIINDAWO ZIKAWONKE WONKE

- **WhatsApp** 060 018 1505
  - **Ngeintanethi:** [www.capetown.gov.za/servicerequests](http://www.capetown.gov.za/servicerequests)
  - **I-imeyile:** [water@capetown.gov.za](mailto:water@capetown.gov.za)
  - **SMS** 1373: unike indawo kunye nenombolo yefowuni ngeekharkhazazi eziyi 160, uthumele ifoto enomhla kunye nexesha nje ngobungqina.
  - **Tsalela ku:** 0860 103 089
  - **Ndwendwela kwiziko loncedo:** [www.capetown.gov.za/facilities](http://www.capetown.gov.za/facilities)
- Ukuba iziko leminxeba lifumana umthamo omkhulu weefowuni, nceda uzame enye yeendlela zokunxibelelana neSixeko.

## ULUHLU LWABATYWINI-KUVUZA ABABHALISIWEYO EKAPA

**ndwendwela kwa:** [www.capetown.gov.za/thinkwater](http://www.capetown.gov.za/thinkwater)  
 Qaphela ukuba iSixeko asinaxanduva lawo nawuphina umsebenzi othe wenziwa nguye nawuphina umtywini-kuvuza.  
**ISIKHOKELO SOMSEBENZI ONOKUWENZA NGOKWAKHO (I-DIY) EKULUNGISWENI KOKUVUZA**  
**ndwendwela kwa:** [www.capetown.gov.za/thinkwater](http://www.capetown.gov.za/thinkwater)



CITY OF CAPE TOWN  
 ISIXEKO SASEKAPA  
 STAD KAAPSTAD